

INDLELA EZIPHAMBILI EZILI 10 ZOKUSETYENZISWA KWAMANZI NGOBUCHULE KWELI XESHA LASEHLOTYENI

UKUVUZA:

1



Fumana apho kuvuza khona kwaye ukulungise oko.

Ukusetyenziswa kwamanzi lwamanzi ngezinga eliphezulu kungathetha ukuba kukho ukuvuza ongakuboniyo nokuyinkcitho yamanzi okuziindleko. Hlola imitha yakho yamanzi rhoqo, ukuze ubone ukuvuza apho kukhoyo kwaye kulungiswe ngokukhawulezileyo. Jonga izikhokelo zeSixeko ekulula ukuziqonda ukuze zikuncede.

2



Musa ukuflasha rhoqo ngokukhawuleza

Flasha kuphela xa kufanelekile kwaye musa ukusebenzisa ithobhi langasese nje ngomgqomo wokulahla inkunkuma. Amatanki okukhongozela amanzi wegumbi langasese amatsha natshintshiweyo akufuneki ukuba adlule kumthamo weelitha ezi6 zamanzi kuflasho ngalunye.

3



Sebenzisa ixesha elifutshane namanzi angephi aphuma kwishawa xa uhlamba okanye amanzi angephi okuhlamba ebhafini. Umlinganiselo wokuhlamba kwamanzi kwiintloko zeshawa ezintsha nezitshintshiweyo awunakho ukudlula kwiilitha zamanzi ezisi7 ngomzuzu.

4



Hlambisisa ngamanzi amancinci apho kujoliswe kwiimpahla zokunxiba nezitya. Zihlamba iimpahla nezitya (iimbiza, iikomityi, njalo njalo) kuphela xa kudingeka. Linda umthwalo weempahla ezakuhlalwa ude ugcwale umtshini wokuhlamba ngaphambi kokuba uwusebenzise, nezitya zokuhlamba zide zigcwele esinkini yokuzihlamba. Ukuhlamba impahla ngezandla nokususa amabala angafanelekanga oko kungasebenzisa amanzi angephi.

5



Vala iitephu xa ungawasebenzisi amanzi aphumayo ngelo xesha.

Umzekelo, sebenzisa iikomityi xa utsheva iindevu naxa uhlamba/ubrasha amazinyo akho.

6



Wuvale umbhobho wokuhlamba, xa uhlamba imoto. Imibhobho yokuhlamba izithuthi, amaphenyane neekharavani kufuneka ifakelwe isixokelelwane esikwaziyo ukuzivala. Sebenzisa isifefezi samanzi xa kuyimfuneko. Okanye uhlambe isithuthi sakho ngebhakethi lamanzi.

7



Mana uyivula uyivala itephu kwaye ungawamoshi amanzi.

Sebenzisa isixokelelwane solawulo esisekupheleni kombhobho wonkcenkceshelo esinje ngesifefezi (jonga ekhohlo) okanye isixokelelwane esizivala ngokwaso (jonga umfanekiso wesi6 ngasentla).

8



Yoyise ilahleko yobushushu.

Nkcenkceshela kuphela ngaphambi kwentsimbi ye09:00 okanye emva kweye18:00 ukuthintela ilahleko yamanzi angumphunga obangelwa bubushushu.

9



Gcina ulonwabo lwasehlotyeni ngobulumko bokusebenzisa amanzi.

Qwalasela ukusetyenziswa kwamanzi kumdlalo wabantwana xa bezipholisa kwiinyanga ezishushu zasehlotyeni. Umzekelo - sebenzisa ilaphu elimanzi ukupholisa ulusu olushushu kwaye ungayenzi ilahleko yokufefeza ngamanzi.

10



Qubha, yogquma, londoloza, phinda usebenzise kwakhona.

Amaqula awakhelweyo nasongwayo kufuneka ogqunywe xa engasetyenziswa ukuze ingenzeki ilahleko yamanzi ngokomphunga obangelwa bubushushu ethi ifikelele kuma95%. Londoloza amanzi nemali. Wagcine amanzi obuqubha kuwo ukuze uwasebenzise kwakhona ungawongeza ngamanzi emvula okanye ngamanzi womnye umthombo kangangoko kunokwenzeka.

NGAPHANDLE:

UBUCHULE BOKUSEBENZISA AMANZI EGADINI



Ukuze ufumane ezinye izikhokelo ezisebenzayo zokulondoloza amanzi nengcaciso ngokumalunga nemigaqo esisigxina engokusetyenziswa kwamanzi, ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/savewater Okanye uskene le khowudi iQR usebenzisa ikhamera yefowuni yakho yale mihla

Ukunikezela ingxelo ngokumalunga nelahleko yamanzi kwaye nawo nawuphina kwimibandela engezamanzi nogutyulo:

WhatsApp 060 018 1505 • Fowunela kwa 0860 103 089 • Thumela i-SMS ku 31373 (amagama abe ngumlinganiselo oli160) • Imeyilela kwa water@capetown.gov.za
Ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/servicerequests